

river health

Isimo seNdalo seMilambo yaseKapa

IMILAMBO EKWIMIMANDLA YEKAPA NEENDAWO EZILINGQONGILEYO

Imilambo i-Steenbras, i-Sir Lowry's Pass, i-Lourens, i-Eerste/Kuils, i-Sand, i-Zeekoe, i-Schusters, i-Else, i-Hout Bay, i-Salt, i-Diep, i-Sout kunye ne-Silvermine iphantsi kweKapa neendawo ezingqongileyo. Le milambo igala kwintaba zemimango ye-Hottentots Holland esempuma, nentaba ye Tafle (Table Mountain) kunye neentaba ii-Cape Peninsula emazantsi ntshona.

Uphuhliso lweedolophu lolona luwusebenzisa kakhulu umhlaba kwiindawo ezisemazantsi, kwaye i-Cape Flats ihamba phambili njengeyona ndawo ixineneyo ngabantu abaninzi kakhulu. Ezinye iindlela osetyenziswa kakhulu ngazo umhlaba kukulondoloza (i-Table Mountain National Park) emazantsi, kunkcenkeshelo kwezolimo (izidiliya) empum, nasekulimeni kwimimandla eyomileyo (ingqolowa) emantla.



IZIPHUMO KUNYE NAMANYATHELO ACETYWAYO NGABAPHATHI

UKUGUQULWA KWEMILAMBO

Uninzi lwemilambo yaseKapa inengxaki yelalelo yeendawo ekufunyanwa kuyo indalo, ngenxa yokuguqulwa kwemilambo ibe yimijelokazi. Oku kubonakala kakhulu kwiindawo ezinabantu abaninzi kakhulu zasezidolophini ezingqongileyo imilambo i-Black, i-Elsieskraal kunye ne-Keysers. Imilambo i-Lotus enkulu kunye ne-Lotus encinane, eyenziweyo ngenyayo eyendalo ubukhulu becala, iye yaguqulwa yayimijelokazi kuninzi lweendawozithile. Ukulwala nokwenziwa nzulu kwemilambo nako kwenzeka ngenxa yokubakho kwezityalo ezitshabalalisayo zamanye amazwe. Oku kuzicuthile iindawo ekufunyanwa kuyo indalo yaseManzi. Ukukwazi komlambo ukuthoba izikhukula nokubolisa izinto ezingcolisayo nako kuyacutha ngenxa yokuguqulwa kwemilambo ibe yimijelokazi.

Amanyathelo abaphathi

- Kususwe ikhonkithi, kubuyiselwe ukumila kwemilambo ngokwendalo kwaye kuphinde kwenzwe ukuba ijikajike kwakhona imilambo. Kungandwe okanye ukujikwa kwemilambo ibe yimijelokazi.
- Kuqaliswe ukutyala izityalo zeli lizwe ezikhula elunxwemeni lomlambo kunye nezizikhula kwimisinga ukuze kwenzwe imilambo ibe mihle kwaye kuphuculwe nokusulungeka komgangatho wamanzi kuyo.
- Kudalwe iindawana zokuhlala ezohlulekileyo (kwiziziba kunye neendawo ezibaleka amanzi amancinci) ukuze zili wanyana nezityalo zasemanzini zifumane ikhushi.
- Kubuyiselwe iintlobo ngeentlobo zeendawana zokuhlala (amatye, ingqalutye, igrabile, isanti, udaka) ukuze kwandiswe iintlobo ngeentlobo zezilwanyana nezityalo eziphi layo zasemanzini.



UKWANDA KOHLASELO LWEZILWANYANA NEZITYALO ZAMANYE AMAZWE

Uhlaselo lweentlanzi zamanye amazwe umz. i-barbel, i-carp, i-tilapia, luninzi kwimimandla esezantsi kuyo phantsi kwe milambo yaseKapa kwaye ezi ntlobo zeentlanzi zikhuphisana neentlanzi zeli zohlobo i-Cape galaxias kunye ne-Cape kurper ngokutya nendawo yokuhlala. Oku kubangele ukucutha kwamanzi nokusasazeka kweentlanzi zeli.

Iintlobo ngeentlobo ezohlulekileyo zokhula lwasemanzini lwamanye amazwe (i-water hyacinth, i-water lettuce, i-azolla, i-parrot's feather) ziyihlasela imilambo emininzi yaseKapa, ukugumbi imilambo i-Black, i-Lotus, i-Sand kunye nemilambo i-Eerste/Kuils. Ukususwa kwezityalo zeli zasuluxwemeni kukhokele ekubeni izityalo zamanye amazwe (i-kikuyu, i-poplar, i-wattle) zigowale kweli lizwe. Izityalo ezingezizo ezili zibangela ukucutha kwendawo ezifanelekileyo ezifumaneka kuzo izityalo zeli ezifizekileyo.

Amanyathelo abaphathi

- Kususwe izityalo zamanye amazwe ezinxuse imilambo nezisemilanjani kwaye zigcinwe zikwisi simo ezo ndawo kususwe kuzo ezo zityalo.
- Kulondolozwe imimandla enemithi neendawo eziluhlazizityalo zokunganda ukukhuliseka kumanxweme emilambo kwaye kuphinde kuvuselelwe ukutyala kwezityalo zeli lizwe zasuluxwemeni ukuze zisebenze njengesikhulisi phakathi komlambo nemimandla eyingqongileyo.
- Kuseyenziswe izibulali-ntlanzi ukutshabalalisa iintlanzi ezingezizo zeli lizwe apho kunokwenzeka nalapho kufanelekileyo.
- Kuxhaswe inkqubo ngobambisano, yokulawula nokusasa izityalo eziluhkula ezithi zibe yingxaki emanzini.



UKUKHUTSHELWA KWAMANZI ANGCOLILEYO

NALAWO ABALEKAYO
Amanzi eemvula ezinkulu abalekayo kunye nokungcola okuphuma kwiindawo zasezidolophini ezingqongileyo imilambo i-Lotus ne-Diep, isetyana lomlambo i-Sand, (eCape Flats), umlambo i-Bokramspruit (e-Oceanview), i-Sir Lowry's Pass (kwi-Sir Lowry's Pass Village) kunye nomlambo i-Eerste (e-Kayamandi) awehlise kakhulu umgangatho wokusulungeka kwamanzi kule milambo. Ukoleka, amanzi angcolileyo akhutselwayo emlanjeni nokuchitha kwamanzi amdaka kunye nelindle eliphuma kwimihobho egoweleyo kwizitshi zokumpoma oku kungcola ezikwimilambo i-Kuils kunye ne-Black/Vygekraal, kubangele iingxaki ezinkulu kumgangatho wokusulungeka kwamanzi. Ezi zinto kunye neminye imithombo yezingcolisi zasezidolophini ziyingozi enkulu kwimpilo yabantu (umz. isisu esihambisayo).

Amanyathelo abaphathi

- Kuphuculwe ukubekwa esweni nolawulo lwamanzi abalekayo eemvula ezinkulu kunye nokukhutselwa kwa manzi angcolileyo emlanjeni nezinto ezichithhekela kuyo.
- Kubandakanywe uluntu kumaphulo okuphucula impilo yaseMilanjani (ngokuthi kuchongwe umlambo othile okanye kusekwa asekuhlaleni abahlobo kulondolozwe umlambo lowo uchongiweyo).




UKUGUQULWA KOZUKUQULO LWAMANZI

Ukucutha kokukuqela kwamanzi kwiindawo ezisemanzini ehlotyeni kwimilambo i-Sand, i-Sir Lowry's Pass kunye ne-Silvermine kwenzeka ngenxa yezityalo ezilhaselayo zamanye amazwe kunye nokutsalwa kwamanzi. Kodwa, ukuqukuqela komlambo i-Kuils River kwandile ngaphezu kokuphindaphindwa kabini ngenxa yamanzi wogutyulo aphumela kuwo, ngelixa inkqubo yokuquqelo yomlambo i-Eerste River iye yaguqulwa ngenxa yokuthunyelwa kwamanzi edama i-Theewaterskloof / Kleinplaas. Iziphumo ezihlanganisweyo zamadama amancinci kwingingqi yokuqokelela amanzi zibalulekile nazo, ingakumbi kumasebe omilambo i-Eerste River. Ezi nququ zoququkelo zikucuthile ukufumaneka kweendawo zokuhlala nezityalo nezilwanyana zasemanzini omlambo.

Amanyathelo abaphathi

- Makuphuyezwe amanyathelo okubeka esweni nawolawulo lokutsalwa kwamanzi okukhoyo kwimilambo i-Sand ne-Sir Lowry's Pass.
- Kungandwe ukutsalwa kwamanzi kwimilambo yaseKapa ehlotyeni, ndaweni yoko kugcinwe amanzi asebusika ukuze ase tyenziswe ehlotyeni.
- Kuqinisekiswa ukuba amanzi okulondolozwa indalo ayavulelwa emadami.
- Kukhangelwe iindlela zokucutha umthamo wamanzi kumlambo i-Kuils River (ukutsho oko, ukusetyenziswa kwakhona kwa manzi asele esetyenziswe ngokuthi acocwe kwakhona).



ISIMO SEMILAMBO YASEKAPA NGOKUBANZI

Ngokubanzi, zimbalwa iindawo efikelela kuyo imilambo kwimimandla ephuzulu yeKapa liphela, ezikwisimo sazo sendalo okanye ezikwisimo sokuhlalisana kakuhle kwezinto zendalo eziphilayo. Uphuhliso kwimimandla esezantsi luyiguqule imilambo, kwaze oku kwadala isimo esilambathayo sezinto eziphilayo zendalo. Kwakhiwe imijelokazi kwimigama ebalulekileyo yemilambo emininzi, amanzi afumaneka kule milambo akekho semgangathweni, indlela equkela ngayo imilambo iguqulelwe, kwaye zininzi neentlanzi kunye nezityalo ezingezo zeli lizwe ezifumaneka kuyo. Ukusebenza ngendlela efanelekileyo yendalo nokubonelela kwale milambo ngezinto neenkonziso kucutha kakhulu. Mininzi imilambo efuna ukubuyiselwa kwimeko yesiqhelo.

Yintoni impilo yaseMilanjani?

Imilambo enemiplo ibonelela ngezinto kunye neenkonziso (umz. ubonelelo ngamanzi, ukwahlukanisa izinto ezingcolisayo, ulondolozo, ukuthoba izikhukula, imveliso yendalo, ulonwabo kunye nokuqutywa kweenkqubo zeenkonziso namasiko) eziluncedo kwintlobo yabantu nokukhula kwezoqoqosho. Xa abantu besebenzisa imilambo, bachukumisa impilo yaseMilanjani. Inkqubo yemilambo, yelizwe jikelele ihlala impilo yemilambo ngokuthatha umlinganiselo wamaqela ezalathiso ezithile zezilwanyana / nezityalo kwiindawo eziphila kuzo, ezichaza imeko yobume bendalo. Ezi nkukacha ziyalungiswa zize zichazwe njengezalathiso (jonga apha ngezantsi). Lomboniso-ngephepha sisishwankathelo seenkukacha eziqokelelwe ngomyaka wamawaka-2004 kuya kowamawaka-2005 (jonga ingxelo, ngenkqubo yempilo yemilambo yomyaka wamawaka (2005): wesimo nengxelo yemilambo ye Kapa, efumaneka kwiSebe leMicimbi yezaManzi namaHlathi nonokuhagamshelela nalo ngezi nkukacha sele zinezwe apha ngasentla).

Iindidi zeMpilo yaseMilanjani

Udidi lweMpilo yaseMilanjani	Izimo zolondolozo	Izimo zabaphathi
Ikwimo yendalo N	Akukho nququ okanye incinci kakhulu ingququ	Luncinane nokwana fluthe labantu
Iintle G	Iintlobo-ntlobo zezilwanyana / nezityalo nemlezeko yazo ayichukumisekanga ubukhulu becala	Kukho ukuphazamiseka okuthile okwenziwe ngabantu kodwa imeko yobume bendalo isancomeka noko
Iyonelela F	Iintlobo ezinobuthathaka zezinto zisenokuhlaleka, ngelixa ezo ziyamezelayo okanye ezo zikhetha amathuba anokuba luncedo kuzo izizo eziliz sisintsi	Zininzi iziphazamiselo ezinyanisiwa nemimandla yophuhliso lakuna iingqongileyo
Ayimlanga P	Umanzi lwezi zityalo / nezilwanyana zendalo ezifumanekayo zezinyamezelayo, iintlobo zezinto eziphilayo zendalo zamanye amazwe ziyahlaselwa, ziphazamisekile inkqubo zezityalo / nezilwanyana ezikhoyo; iintlobo zezityalo / nezilwanyana zendalo ezifumanekayo zibandakanya ukuba nezifo	Baxinene ngenxa yokubanzi abantu okanye kuninzi ukwahlathwa kwa kweebonelelo

Izalathiso zeMpilo yemilambo

	Isalathiso seMfazekiso yesimo seNdalo (IH)	Umlinganiselo wokufumaneka kwendawana zokuhlala indalo yaseManzi kwane misinga entlobo-ntlobo.
	UMgangatho wokuSulungeka kwaManzi (WQ)	Ubonakalisa ukufaneleka kwamanzi ukuba kungathala kuwo indalo ephilayo. Usekelwe phezu komlinganiselo ophelileyo wazo zonke izinto ezifumaneka kwiminyaka ezizazi: i-phosphate, i-nitrogen, i-harmonia, izinto ezisasazekileyo kuyo kunye ne-oxygen.
	Isalathiso sezi Tyalo zaseLunxwemeni (RVI)	Ngumlinganiselo weqondo lokuguquka kwezityalo ezifumaneka kudonga lomlambo kwimo yazo yendalo.
	Inkqubo yokuStora yoMzantsi Afrika (SASS)	Isalathiso sezilwanyana zasemanzini ezingenamqolo (umz. oononkela) ezifunyanwa endaweni ehlele. Ibonakalisa imeko yomlambo wendawo ehlele.
	Isalathiso seeNtlanzi (FI)	Yalathisa ukohluka kweentlobo zeentlanzi kwisimo sazo sendalo, ichaza iziphumo zexesha efide kwiindawana zokuhlala indalo ngobubanzi.

UKONGA AMANZI UKUZE SIBE NEKAMVA ELIZINZILEYO

Wonke ubani uhlasela kwiindawo eziqokelela amanzi emilanjani, usebenzisa amanzi avela emilanjani kwaye umele ukuba abe noxandawo lokulawondolozwa. Ngokwenza oku, siza kuqinisekisa ukuba sinako ukuqhubeka siwasebenzisa kwaye ibe luncedo kuthi imilambo ngoku nakwixesha elizayo. Iimfuno zamanzi zangoku zingaphezulu kwemveliso yamanzi yemimandla yeSithili saseKapa. Amanzi ke ngoko bobona butyebi bendalo buxabisekileyo kuthi kwaye kufuneka siwasebenzise ngobulumko. Nanga amanye amacebo okonga amanzi:

- Mayitholyelwe imiqathango yokuthintela kokusetyenziswa kwamanzi.
- Wasebenzise kwakhona amanzi okuhlamba nawesinki ekuncenkesheleni isitya sakho.
- Khangelwa zonke iindawo ezivuzayo kwiitpe nemi-hobho uze uzilungise.
- Faka i "Hippo Bag" okanye ibhotile yeplastiki ezele ngamanzi kwintanji lakho elincinci lamanzi endlu yangasese.
- "Shawarisha" kangangemzuzu emihlanu endaweni yokungena ebhafini ukuba unako ukukwenza oku.
- Izindlu ezintsha kumele ukuba zifakwe izixhobo zokonga amanzi.

Abantu abasebenzisa amaqela nemithombo yabo (boreholes) bayakhuthazwa ukuba bayithobele imiqathango yokuthintela ukusetyenziswa kwamanzi. Ukutsalwa kwamanzi kakhulu emilanjani nangaphantsi komhlaba kuneziphomo ezibonakalayo kuququkelo lwamanzi omlambo. Amanzi angaphantsi komhlaba abalulekile kakhulu ekuncediseni kuququkelo lwemilambo ehlotyeni, la manzi abalulekile kwizilwanyana / nezityalo eziphilayo zasemanzini. Amaqela nemithombo akumelanga ukuba zenziwe kwiindawo ezisuluxwemeni, emachibini nakumachweba emilambo.

